basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

## ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

## IPHEPHA LESITHATHU (P3)

## NOVEMBA 2013

**AMANQAKU: 100**

**IXESHA: 2½ iiyure**

**Olu viwo lunamaphepha ama-6.**

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Izincoko | (50) |
| ICANDELO B: | Imihlathana emide | (30) |
| ICANDELO C: | Imihlathana emifutshane | (20) |

2. Phendula umbuzo ube MNYE kwicandelo ngaliNYE

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/ iflowu tshathi/amagama angundoqo, njalo njalo), hlela uze ufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe phambi kokubhalwa kwesincoko.

6. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo. Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca kulo lonke uyilo olwenzileyo.

7. Uyacetyiswa ukuba usebenzise:

| | |
|---|---|
| KWICANDELO A: | imizuzu engama-80 ubuncinci |
| KWICANDELO B: | imizuzu engama-40 ubuncinci |
| KWICANDELO C: | imizuzu engama-30 ubuncinci |

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenziswe kwiphepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.

   QAPHELA: Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.

10. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

## ICANDELO A: IZINCOKO

### UMBUZO 1

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo, uze ubhale isincoko esinamagama ali-190 ukuya kuma-240.

1.1 Bhala isincoko esiphela ngala mazwi, 'Sahleka amathumbu abuhlungu loo mini.' **[50]**

1.2 Ingaba ndim lo ukwibanga leshumi elinesibini namhlanje? **[50]**

1.3 Iimpawu zenkokheli enokumela ulutsha epalamente. **[50]**

1.4 Izixhobo zonxibelelwano, u*Facebook* no*Twitter* ziluncedo kanti zikwanobungozi kulutsha. **[50]**

1.5 'Mabahambe aba bantu bavela kwamanye amazwe, basithathela imisebenzi yethu!' Uyahambisana okanye awuhambisani nale ntetho? **[50]**

1.6 Ubusika. **[50]**

1.7 Jonga lo mfanekiso ulandelayo ubhale isincoko ngawo.



**[50]**

## ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

### UMBUZO 2

Khetha umhlathi ube mNYE kule ilandelayo. Bhala amagama angama-80 ukuya kwi-100.

2.1 **I-AJENDA NEMIZUZU**

UnguNobhala wequmrhu eliququzelela umdaniso wabafundi bebanga lematriki kulo nyaka. Bhala i-ajenda nemizuzu yentlanganiso elungiselela lo mdaniso. **[30]**

2.2 **INTETHO**

Umenywe kwisikolo esikufutshane nesakho ukuba uyokwenza intetho yokukhuthaza abafundi baso phambi kokuba babhale iimviwo. Bhala loo ntetho uza kuyenza. **[30]**

2.3 **ILETA YOBUHLOBO**

Ubuye kwitheko lokunikezelwa kweembasa kwiimvumi zaseMzantsi Afrika (SAMA). Bhalela umhlobo wakho ileta umbalisele ngako konke okuqhubekileyo. **[30]**

2.4 **INGXELO**

Ubuye kwinkomfa enjongo zikukuphakamisa umgangatho wesiXhosa. NjengoMmeli wabafundi kule nkomfa, bhala ingxelo ngemiba ephambili ekugqitywe kuyo. **[30]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

## ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

### UMBUZO 3

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama angama-60 ukuya kuma-80.

3.1 **IMIYALELO**

Umhlobo wakho ofunda isiXhosa ngoLwimi Lwesibini Olongezelelweyo uxakiwe kukubhala ileta yobuhlobo. Mncedise ngokumnika imiyalelo yokuyibhala. **[20]**

3.2 **ISINGENISO SEDAYARI**

Uza kuchitha iiholide engangeeveki ezintathu kwikhaya lomhlobo wakho. Bhala isingeniso sedayari sezinto oceba ukuzenza xa ulapho. **[20]**

3.3 **IKHADI LESIMEMO**

Ucelwe ukuba umeme isithethi sembeko, size kuthetha nabafundi bebanga le-12 ngeendlela zokuziphatha njengokuba beza kudlulela edyunivesithi kunyaka ozayo. Bhala ikhadi lesimemo umeme isithethi eso. **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**
**AMANQAKU EWONKE: 100**